NASIONALE WOLKWEKERSVERENIGING VAN SUID-AFRIKA
NATIONAL WOOL GROWERS' ASSOCIATION OF SOUTH AFRICA

# UNGCOLISEKO LOBOYA

# (WOOL CONTAMINATION)

NWGA Production Advisor, **GN Nkomo** (Region 20)

**082 715 4595**/ email: **nkomogiven@ymail.com**

---

Wool Contamination is one of the major factors that contributes to reduced prices that our communal wool producers get from their wool and it needs to controlled as much as possible.

Mawethu ikhwelo lityala, ndicela sikhe siqwalasele ezingongoma zilandelayo malunga nongcoliseko loboya olusenzela ilahleko eninzi nengeyomfuneko ngokwasezimalini zoboya.

**IKEMPU NOLUNYE NJ UHLOBO LWEENWELE (Kemp and any other hair)**

Bafuyi begusha yazini ukuba zonke iigusha enizibiza oorhorofu zinekempu engummangaliso,zenza ke ibencinane imali efumaneka kuhlobo olunjalo loboya. Neegusha ezimnyama sifumana imali encinane ngoboya bazo.

Xa uvumela izinja neekati zilale phezu koboya zishiya uboya bazo apho, kuba buyavuthuluka, kuthiwa yikhempu ke leyo. Ukuba ngaba uvalela iigusha zakho neebhokhwe, iigusha ziye zibuthe oboboya bushiywa ziibhokhwe,zitsho ke zibenoboya obungcolileyo yikhempu.

**UMHLABA, IPAINT NEDIPHU (Soil, Paint and Dip)**

Xa uboya bakho budibene nomhlaba, umgquba,ingca nantoni ke engeboboya yazi ke mfuyi ukuba bungcolisekile uboya bakho,wofumana imali encinane ke ngoko.

Indlela esinombola ngayo bafuyi iigusha zethu iyaxhalabisa, ibungcolisa kanobomi uboya kuba siyibhala lonke icala igusha ngepaint yenze ukuba sibhatalwe imali encinane kuba ayihlambeki ipaint. Kungani na singazinomboli kwezindawo zingenaboya okanye entloko ke?

Igusha ayiditshwa inoboya obude kuba idiphu yenza umgca apha eboyeni ngenxa yelochiza yenziwe ngalo, sicebisa ukuba sizidiphe ngexa sisagqiba ukuzicheba ukuze singalahlekelwa yimali.





Ipaint iyabungcolisa uboya.

**IMBEWU, IINGXOWA (Seed and Polyprop bags).**

Bafuyi kaloku masingafaki iigusha apho kukho itshungu nomhlabangubo kuba buyangcola kakhulu uboya xa sithe senze njalo.

Masingafaki uboya kwiingxowa ebezinokutya kwemfuyo, impuphu,ityuwa nayiphina igxowa enemisebe ewululekayo kuba ingcolisa uboya.

Masilumkele neentambo zokubopha amabhala la okutya kwemfuyo ziyingozi kungcoliseko loboya.Size singabophi kwanezihlangu zethu ngezintambo kuba zingcolisa uboya(baling twine)





Iigusha zifakwe esitiyeni emva kokuvuna

